



NELSON MANDELA BAY: UMBONO KANEHEMIYA

Nehemiya 2:17. Ndaza ndathi kubo, "Ngaba niyayibona na le nkxwaleko sikuyo? IJerusalem ingamabhodlo; amasango ayo atshiswe ngomlilo. Ngoko ke yizani sizivuse iindonga zeJerusalem, ukuze siphume ehlazweni." (New translation, 1996)


1. NgoAgasti ka-2012, uBhishophu Lunga kaSiboto wakhetha u**Nehemiya 2:17** wasisihloko sentetho yakhe kwintlanganiso yesixeko eyayise-Feathermarket Hall. Kwinyanga esemva koko umbono wokuba lo mbono kaNehemiya ungasebenza njani na e-NM Bay kwabelwana ngawo kwintlanganiso yeeBhishophu yokuthandaza. Lo mbono waqinisekiswa ziiNkokheli zeCawe kwintlanganiso elandelayo yeeBhishophu yokuthandaza, ngoNovemba ka-2012. kongezwa isicatshulwa ku**Habhakuki 2: 2-3**. Umbono lo unamacandelo amane :




2. Kulo mbono, sibona isangqa esikhulu sisenza isiseko esijikeleza i-NM Bay. Endaweni yokuba senziwe ngesamente le iqhelekileyo nexutywe ngamatyana, esi siseko senziwe ngento ebubumanzirha nenamacetyana adadayo apha kuyo. Xa iqina le nto iya iba namandla ngaphezu kwezixhobo zokwakha eziqhelekileyo. Xa sinokuyiqwalasela singayibona okokuba le nto 'bubunye becawe.' Njengoko ukuba namandla kweziseko kungundoqo ekudaleni uzinzo nokuqina kwesakhiwo, kananjalo amandla obunye beecawe zethu aza kuba ngundoqo ekwakheni ngokutsha isixeko sethu. (**iNdumiso 133; uNehemiya 4: 19-20**)



3. Kwesi siseko siluqilima kubekwe umgangatho wokuqala onezitena ezinga-60 ezidityanisiwe ngeentloko zenza isangqa. Isitena ngasinye licandelo elimele enye yeewodi ezinga-60 ze-NM Bay. Njengoko uNehemiya wahlula udonga lwaseJerusalem lwangamacandelo waza icandelo ngalinye walabela iqela elithile labantu, kufuneka sikhuthaze yaye simeme abantu bahlangane kwiwodi nganye ukuze balwamkele uxanduva lokwakha ngokutsha icandelo labo kwi-metro yethu. (**Nehemiya 3**)



4. Imgangatho esibhozo elandelayo yezitena ngamacandelo asibhozo angala : icawe, ushishino, imfundo, urhulumente, usapho, iindaba noqhakamshelwano, ubugcisa nolonwabo kunye nemidlalo. Njengoko iziseko zixhasa izitena ezingentla kwazo, kananjalo simemelela abantu kwiwodi nganye okokuba basebenzisane kuloo macandelo bakuwo bakhe ngokutsha icandelo labo lodonga. Ngamandla ethu aza kuthi enze izitena zibumbane.



5. Isixeko esijikelezwe ludonga sigqunywe luphahla lomthandazo. Ukuze olu phahla silwakhe apha phezu kwe-metro kufuneka sifune umququzeleli womthandazo wewodi nganye. Aba baququzeleli baza kuseka amaqela okuthandaza aza kugcwalisa qhu iiwodi zabo ngokuthandaza bebanye yaye bakhuthaze ukusekwa kwamanye amaqela okuthandaza aza kuquka onke amacandelo akwiwodi zabo. (**uNehemiya 4 :17**)